

Inombolo yefayili: 24/2/2/1  
Isalathiso: 20240304-2159

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0005/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zamacandelwana namacandelo akwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili nakwiiNqununu

**Isihloko: IMvumelwano i-Microsoft Schools' Agreement yokusiwa kwe-software ezikolweni ngo-2021 ukuya ku-2025**

1. IMvumelwano i-Microsoft Schools' Agreement ivumela izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo ezizimeleyo ezinikwa inkxaso ngurhulumente ukuba zifumane iiphakheji ze-Windows Operating Software neze-Microsoft Office Application.
2. Ngenxa yobukhulu obandisiweyo bephakheji ye-software kufuneka kutshintshwe indlela yokusiwa kwe-software yaye azisayi kusetyenziswa ii-DVDs ukulungiselela ukusiwa kwe-software ezikolweni.
3. Kucelwa ukuba izikolo zikhuphele i-software nge-WCGSCHOOLS network zisebenzise isikhokelo esiqhotyoshelweyo (isiHlomelo A).
4. Ifasilithi ilawulwa yaye igcinwa (hosted) yi-Ofisi yezoNcedo ye-IT yeSikolo yaye baya kunika uncedo apha:
  - Inombolo yefoni: 021 8344690 okanye 021 900 7123 ku-WhatsApp (ngembalelwano kuphela)
  - I-imeyili: [SchoolsIT.ServiceDesk@westerncape.gov.za](mailto:SchoolsIT.ServiceDesk@westerncape.gov.za)
5. Ukunikezelwa kweelayisensi ze-Microsoft kuya kuqaliswa ngezigaba kwithuba lelayisensi yaye kukhunjuzwa iinqununu ukuba zinoxanduva lokugcina ngokukhuselekileyo i-software nezitshixo zelayisensi eziya kuphelelwa ngowe-30 Juni 2025.

6. Kucelwa ukuba nazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kumagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS

**UMLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**

**UMHLA:** 2024-03-28